## IBALI LIKA REV. C. PAMLA.

[FUN'UKUQONDA.]

Lembali ka Rev. C. Pamla eyabonakala kwi *Imvo Zabantsundu* ngo April 27 1887, uti okukona uyipindapindayo ukuyifunda, kube kukona indulula imibuzo, engeyiyo eyipikisayo pofu, koko yefuna ukuqonda ezindawo zininzi kangaka zingahlanganiyo. Kulusizi ngandawo nye kodwa noko ndiyibuzayo le yanamhla imbuzo. Kulusizi kuba umnumzetu lowo wayengati usaza kusinika eyona mbali iyiyo kunale ibonakeleyo. Nam ke ndisenjenje nje ndenziwa kukubona kute qutu, kungasavakali nto, kwabonakala ngati akuseko yimbi isezayo, sekukupela kwale. Ke ngoko ifanelwe ukuqondwa yaziwe nokuba ibete nxam kunezinye ezikade zibaliswa, nezisabaliswayo ngu Rev. W. W. Gqoba namanye amanene anje ngo Messrs W. K. Ntsikana no J. M. Vimbe. Ezo zicacile, ziyavakala, ziyanq'inwa nangamaxego asekoyo azaziyo imbali. Yona le asikuko nokuba umzi iwuxakile. Amaxosa axakiwe yile kutiwa yeyakowawo, akwanjalo ama-Mfengu kweyakowawo.

Iti imbali ka Mr. Pamla—U Ndlovu wati xa ib'izakwenda intombi yake watumela u Xosa ukuyakuzingela inciniba, ukuze intsiba zazo zisetyenziswe kulo mtshato aze ati ukutunywa kwake, akutshelwe uduli lwabantu namawa'ra enkomo. Kusuke kufane nabantn ababeya kwendisa intombi yenkosi kwilizwe elikude, okunye bafane nabantu abapuma ipulo elikulu lenkosi njengoko atshoyo naye kulembali yake. Ke nangu umbuzo—

1 Lisiko elake lako na elo kona kudala, xa kwendiswa intombi, kona ukuba yeyenkosi ukuba ike ipunyelwe ipulo nokuba lelo lenciniba? Yaqalela kwinkosi engubanina lonto yeza kupela ngayipina? Intsiba zenciniba zake zanexabiso na kulomzi untsundu?

2 Kutiwa yile mbali u Xosa akabangasabuya, kuba umtinjana lowo wayemke nawo waba nentsana wonke.

Igama ke lesigxeko elabakoyo ngalonto kuma-Xosa lawo kwezinye izizwe kususela kulomini kwatiwa ayintoni na? Kuba zonke intlanga ezintsundu ngabantu abakwencana kakulu, kwakuhla into embi kwabanye, nokuba kungesip'aku esikoyo nokuba kungesenzo esenziwe ngabanye esigxekekayo kwabanye.

Ema-Xoseni kuko igama eti inkosi yakupelelwa bubukosi nokuba ibuwele yahlukana nabo, nokuba buc'itakele nange mfazwe, kutiwe namhla ili-Kwayi, oko ke kukuti ubukosi bayo bupelile, inje ngenyosi eliqungane. U Gando unyana ka Ngconde wase kunene, nenxenye yama-Gwali baba ngama-Kwayi, emva kwemfazwe yabo no Tshiwo kuba abantu babo basuka bac'itakala beza kwelilizwe sikulo. Ngabo abantu bokuqala ukungena pakati kwama Lawo nama-Bulu, yaza inkoliso yabo yendiselana kunene nama-Lawo ukuze kuvele esisizwe kutiwa ngama-R'ona, la ama-Xosa ati ngama R'anuga ukuwabiza. Abanye abasasazi nesi-Xosa sebeteta i Siqwa, inxenye isi-Bulu kupela. U Bangela waba likwayi akutenwa ngu Ngqika ebukosini ngenxa yomsindo neratshi lake, ngokudela ezinye inkosi. U Godlo unyana ka Dlambe waba likwayi akukutshwa ebukosini ngesizatu sokulelesa.

U Ngqika, wongezwa izibongo zesigxeko emva kokutabata kwake u Tutula umka Ndlambe uyisekazi nangani eyinkosi enkulu, ekukunene kwakwa Gcaleka. Zininzi ke izizatu ezinjalo endingazibalayo. Zipi na indawo ezinjalo kuma-Xosa ngenxa yesisizatu sibi kangako.

Kwakona. Kuko izigxeko ezikoyo kuma-Gqunukwebe. Esinye kutiwa afihla intsimbi entlabatini. Leyo ke sei!iyinto eliq'alo elingundabamlonyeni, ati ukuba umntu wenze into ngolunya nomona kutiwe ungum-Gqunukwebe, okunye kutiwe—" Ngumona wama-Gqunukwebe." Zipi na ke indawo ezinjalo? Ziko nezinye ke izigxeko ezingafanelekileyo ukuba zingabalwa, kodwa ezikwatyebisa lenyaniso yokuba, abantu abantsundu ngabantu abayenzela isaci nento enjanina yakuhla, nokuba kusenkosini, nokuba kusezizweni.

Lento yenziwa ngu Xosa iteni na lento ingavakaliyo, ingenabali ngapandle kweli lanamhla nje lelinyange libalisele u Mr. Pamla?

Kwakona. Siva ukuba ama-Zotsho la, asilona gama lawo eli lokuba ngama Zotsho. Elona lawo aye ngama Nxasana. Kutiwa ayesuke enza impau ezitile ezinweleni zawo, kwatiwa azotshile, asel'eba ngama-Zotsho nje. Ama-Rudulu ati mhla afika, afika enento eninzi yengwevu, asel'eba ngama-Ngwevu nje inanamhla. Zipina ke indawo ezinjalo.

Ama-Lawo akwanesigxeko nawo asilwela kunene, esi kutiwa—ati akuva intubu zimnandi kwa Xaxazele akabisabuya. Lento ke yenziwa ngabom ngama-Xosa, kujikwa into eyayingenjalo ukuze ibe sisigxeko kwabo bantu base Lenye. Zipina ke indawo ezinjalo ezivela kwezinye izizwe zib'ekiswa kuma-Xosa ngenxa yesisizatu?

Lendawo ayizange ibeko. Isisituko nesigxeko sangabom nje kodwa somenzi walembali. Banyanisile kanti nabase Bayi ukuti—ama-Xosa ayatukwa, noko i *Sigidimi* singavumiyo ukuba ingenwe nje lonto. Kongezwe, esinye isigxeko pezu kwesiya sokwenziwa amakoboka kwama-Mfengu ngama-Xosa kupela.

4 Kanene u Mtimkulu wokuqala akazalanga u Ncobo na (inkulu), no Radebe umninawe wake ekunene? Utsho nawe Mr. Pamla kwenye indawo, uze ubuye uti kwa wena U Ncobo kukunene kuka Radebe. Kukutini na ke oko?

5 Utinina ukuti u Dlomo uzalwa ngu Radebe ekubeni wayevusela u Ncobo umkuluwe wake inzala?

Akudange kuhiwe yini na kanene ngu Dlomo no Radebe lowo ngenxa yokubangisana ngobobukosi, kuba u Dlomo ebanga indawo yobukulu boyise u Ncobo. Akunjalo na kanene? Mhla kwaliwa zezo nkosi, kugalele ama-Nkomo ngecala lika Dlomo ukuze angoyiswa nje ngu Radebe, akunjalo? Kausenzele owona mkondo ka Radebe wokuqala, eyake inzala, nelake icala, ngapandle komkondo ka Dlomo.

Kanene u Monakali uyise ka Zibi asinguye na unyana ka Bungane wase Mb'utweni? Ukuba kunjalo utini na ukumenza umzukulwana ka Mpangazita unyana ka Bungane wasekunene?

6 Lo Radebe uti uliqadi lika Mtimkulu nguwupi na, eko owokuqala ongumninawe bo Ncobo, nokuba kanjalo nguwupina lo Mtimkulu bebabini nje? Kaucacise kulondawo kakuhle, kwahluke oyena uteta ngaye nako Mtimkulu abo. Esinye isizatu enditsho ngaso sesi sokuba usiti lo Radebe weqadi lika Mtimkulu ngowokuqala, afanele ke ngoko ukuba ngulowo ungumninawe bo Ncobo, ize kanjalo uti—lowo uzala u Zulu, ozala u Dlamini ozala u Radebe wesibini.

6 Lendoda yenze lembali isapilile na intangani na, kanjalo, ifunde pina lento yazi nokuba ababantu bavela ngase Asia, nokuba beza ngase Jiputa? Iyifunde pina lombali? Lendoda ibalise lembali mayibe seyalupele kunene, indlebe zengqondo yayo sezibetana kakulu. Mna okukokwam imbali yayo andiyinqweneli ngakumbi kuba isuke indixake ngokungayazi kwayo nale nam ndingake ndiq'otoze kuyo noko ndingumntwana. Ide incamise kona yakuti u Kama lo nimbona nje uzalwa ngu Pato, kwanobuninzi ke bomnombo wenkosi zasema-Xoseni. Ndigqibe kwe-liti—xa elinyange liposisa nakule siyaziyo, azi zingakanani na iziposo zaleya singayaziyo. U Mr. Pamla mak'e ayipinde ayilungise lembali, ahlanze igama lake.

---

## IMBALI YASE MBO.

[IVELA KU REV. P. J. MZIMBA.]

No. 1.

### UMNOMBO WENKOSI.

Ku Mamfengu apa kuko isizwe ekutiwa ukubizwa kwaso ngaba Mbo, ukwahlulwa koma Zizi, oma Bele oma Kuze noma Zotsho, nezinye izizwe ezavela e Mbo. Xa ke kutiwa aba Mbo kutetwa, ama Hlubi. Abasekunene, nabakwa Maduna.

Umnombo ke wenkosi bawenjenje ukuwuxela abanye.

U Ngubenkulu eyambatwako, uzala u Ludwo. Unina yintombi ka Mcamane u Mngunekazi. U Ludwo uzala u Sidwaba, ozala u Maxuza, ozala u Flatel'ilanga, ozala u Mhuhu, ozala u Masok'asenzimane, ozele u Malunga. Unina yintombi ka Mzimkulu. U Malunga uzele u Mhlanga. Mhlanga ozele u Msi ozala u Ndlovu-zidl'ekaya, ziswele umalusi, ozala u Dlamini (wanq'angi,) ozala u Mtimkulu (wanq'angi). Unina ka Mhlanga, yintombi ka Sikosana.

Kute ke konyana baka Mtimkulu, u Ncobo no Radebe kwadaleka izizwe ezibini; ngokusuke ati u Ncobo engomkulu nje konyana baka Mtimkulu, ati noko azekelweyo angabakatalelí abafazi bake, asuke abale. Ite londawo yawakataza kakulu amapakati, kwabonakala kuya kubako isonakalo ebukosini nokubangisana ngobukosi xa u Ncobo lò angenamntwana. Kwavunyelwana zizipakati ukuba u Radebe makabangene abafazi bomkuluwe wake, amzalele abantwana. Wabangena ke (u Radebe) wazala kumka Ncobo omkulu, u Dlomo, kwintombi ka Hlubi (i Bele) waza kowake umfazi wazala u Zulu. Ute mhla waluswa u Ncobo, wat'akupuma esutwini, alindela amapakati ukuba

u Radebe uzakubunikela ubukosi ku Ncobo, kuba namhla eyindoda evelile. Akubanga njalo wala nabo u Radebe. Kwaliwa licala lakomkulu lakwa Ma-Hlubi, lalwa liqúba u Dlomo ; lalisilwa necala lasekunene lika Radebe, lipetwe ngu Radebe lowo uyisekazi ka Dlomo ngesiko, nakuba emzele wayemzalele u Ncobo, umkuluwa wake. Yagxotwa eyakomkulu yakwa Ma-hlubi yakulo Dlomo. Ite xa igxotwayo kwavela ama Nkomo amncedisa u Dlomo, wasel'eguqula kwakona (u Dlomo) yalwa yada yancamana yombini, kungabangako ide yatshiselwa imizi. U Dlomo akavumanga kaloku ukupatwa ngu Radebe, yaseliba yimizi ngemizi mhlope, emini.

Xa kubongwa u Dlomo kutiwa—Dlomo dludlululu ; Wena ngewafela Enqobotyeni angati ama Nkomo angabiko.

Ama Hlubi là abizwa ngonina ka Dlomo, intombi ka Hlubi.

Kutiwa xa abongwayo—

Mahlubi amahle, Mangelengele, amzimba mhle
Onga unga ngiwa nje ngowo sana.
Anzipo zimnyama kuqwayana (kurwecana).

ISIZATU SEZI ZIBONGO.

Kutiwa kwati kwakuko indlala kakulu, aze ama Hlubi amane epiwa ukudla komkulu, ayeke emaninzi. Kutiwa kwakusiti xa kusakangezwa aba bangapambili kwabanye babe bemelwe ngenzipo ngaba bangasemva, bebarweca ukuba bazokukangela bacele, zada inzipo zamnyama kurwecana.

UMNOMBO WENKOSI ZAMAHLUBI.

U-Mtimkulu (wanq'angi) uzele u Ncobo inkulu, no Radebe, ekunene.

U Ncobo uzele u Dlomo, ezalelwa ngu Radebe umninawe wake. U Dlomo uzele u Mashiyi inkulu, no Ngwebu ukunene. U Mashiyi uzele u Ntsele inkulu, no Jingose, no Dube, abase kunene.

U Dube u uzele u Ndlakuse inkulu, no Dayide umninawe wake, kwindlu yasekunene, no Ncetezo ix'iba.

U Ntsele uzele u Bungane. U Bungane uzele u Mtimkulu inkulu, no Mpangazita enkunene. U Mtimkulu uzele u Langa-libalele inkulu, u Ludidi, u Luzipo no Mhlambiso. U Ludidi uzele u Mtengwane inkulu, no Zono ekunene. Bonke ke aba base Griqualand East.

U Luzipo uzele u Mkatshane. Ló u Pesheya kwe Nciba ngoku. U Mhlambiso uzele u Mtongane inkulu, no Sigonyela (Ebenezer) ekunene nabanye. Aba, bakwa Matole.

U-Mpangazita ukunene kuka Bungane, uzele u Sidinane, Mehlo-makulu, Monakali, no Ntaba. U Sidinane uzele u Zibi. U Mehlo-makulu uzele u Ntsinda-ntsinda no Milani. U Monakali uzele u Zibi, ozele u Ncanywa, Sifuba, nabanye. Aba base Ncwazi. U Ntaba uzele u Tomose, umele i Tsitsa.

UMNOMBO WENKOSI ZASEKUNENE.

U Radebe wanqangi uzele u Zulu inkulu, no Mashwabada ekunene.

U Zulu uzele u Dlamini (wanqangi) u Dlamini uzele u Radebe (wesibini.) U Radebe lowo uzele u Dlamini kwindlu enkulu. Kwiqadi lendlu enkulu kwa Ma-nala intombi yakwa Nala, kuzelwe u Ngqumango.

Kwindlu yase kunene, kwintombi yakwa Ncwana engu Ma-Ncwana, kuzelwe u Buhlalu.

U Dlamini lowo wesibini, uzele u Ngwana inkulu, kwaza ekunene kwazalwa u Mndayi kwintombi yakwa Tubela.

U Ngwana uzele u Mijoli, inkulu, no Malangwana, ozele u Dzangwe, inkulu, no Pezisa ekunene. U Dzangwe uzele u Mgijima, ozele u Kapoko inkulu, Zweni, no Kafe, nabanye. U Pezisa uzele u Kala. U Kala uzele u Nkupiso, Mavuso, nabanye. Ekunene kuzelwe u Maqubela no Mvunga, ozele u Luzipo. U Mqubela uzele u Msutu, ozele u Zulu inkulu, no Tyefu ekunene. Unina ka Maqubela ib'iligorakazi u Gubela igama lake, i Belekazi. Besakuti ukubongwa kwempi yake—

Gubel'esigubudwini,
Mabandla ka Gasela,
Kwa Gubela, akuvalwa ngamivalo
Sekuvalwa ngama kand'amadoda, njalonjalo.

IMVUNGUZANE.

Kutiwa kwati ugexa lika Maqubela wati esahleli komkulu, kwafika isaqwiti esingumvunguzane, samtabata semka naye, kwati kwakubon'ukuba sekulelwe kwazilwa kwancanywa, wagaleleka esapilile, kwati kuba kwakusekwenziwe zonke izinto zokusebenza elosholugu, wati akufika, bamoyika, kuba besiti sel'engumkolonjane (ghost) wabalilolo elihamba ezindle, wada wabuye wabuba.

U Mndayi ngo wentombi yakwa Tubela. Uzele u Mangwane inkulu, ozele u Mzimba, ozele u Ntibane, ozele P. J. Mzimba, Samuel, David, Joseph Dube, no James Laing, kwanamantombazana ke. Kwa nama Ntintili, nama Langa, azalwa ekunene kuka Mangwane.

U Ntintili uzele u Ndlakadla inkulu, Nkewu, no Mpetshu. Unina wabo ngu Ma-Mkwane. Abendlu yasekunene, ngu Gobonci, no Bonani. U Ndlakadla uzele u Lubisi, no Lamani kwindlu enkulu. Ekunene kuzelwe u John, no James.

U Nkewu uzele u John, Pilingane, George, Mapasa, Ngebungwane, nabanye.

U Mpetshu uzele u Mashumi, Fani, Jona, nabanye. U Gobonci uzele u Velelo, John, David, nabanye.

U Bonani uzele u Tomose, James, Mzimba, nabanye. U Lubisi uzele u Mndayi, Tomose nabanye.

UMNOMBO WAMA RELEDWANE.

U Mashwabada uzele u Makwelo, no Sibenya kwindlu enkulu no Ngob'izembe ekunene. Unina ka Ngob'izembe ngu Ma-Reledwane.

U Ngob'izembe uzele u Mvelase, ozele u Ndaba-zandile, Mhlomi, no Citwa. U Ndabazandile uzele u Ncwana.

U Mhlomi uzele u Mabele, ozele u Ndiko, ozele u Mshwe shwe. U Citwa, uzele u Mdeni.

U Sibenya uzele u Lutshaba inkulu, u Matshaya ekunene. Unina ka Matshaya ngu Ma-Ra-ule.

U Makwelo uzala u Mahlapahlapa inkulu, no Maguqi umninawe wake. U Mahlapa-hlapa uzele amawele, u Dubo elikulu, no Ntloko-mbi, afela edulini elikulu nabanye. U Maguqi uzala u u Bupaluli inkosi ye Mihlanga. Iti—Vapi! ukufunga. U Bupaluli use Lusutu. Impi ka Mehlo-makulu iti ukufunga—Zulu ka Ntini ! Ikolise ukuba se Wittebergen intlalo yayo.

U Lutshaba, ozele u Zimema inkulu, owafa ngemfazwe ka Mlanjeni, no Matomela ekunene. U Zimema uzele u Zulu ose Hewu ngoku. U Matomela uzele u Mbane inkulu no Diba oweqadi lakulo Mbane.

(*Isaqutywa.*)

## ISAZISO SAKWA RULUMENTE.

KUYAZISWA kubo bonke abemiyo, kwiziqwenga (Field cornetcies) ezitile zesisitili (Division) ukuba abantu abamiselwe ukwamkela amagama abavoti, (Registering Officers) nje ngomteto we Palamente bawuqalile ukuwenza lomsebenzi, njengokomteto wabavoti, (Registration Act) we 1887. Okokuba siti eso isiqwenga esipetwe ligosa (Field Cornet) siqokelele amagama abantu abanemfanelo yokuvotela unyulo lwabaya e Palamente,.

UKUZE ke kubeko inani elifumanekayo ngokufezekileyo, nokuze kungabiko ngozi ingatintela amagama anemfanelo mabati bonke abanebango lokuvotela abaya e Palamente, bangenise izibango zabo kulomagosa ezondawo amiselweyo (Registering Officers) bati okunye bacikide indawo zokuba azi angaba abalwe kade na awabo amagama, abekwa eluhlwilwanemfanelo, kwangosuku olusengapambi kolokuvalwa nokuba kungalo kanye,

KE, abamkeli magama bazo zonke eziqwenga zesisitili (Division) ngabo aba bamagama adwele ngasezants' apa.

I balwe ngolusuku lwe 5 ku October 1887.

JAMES F. BOYCE.
Acting Civil Commissioner.

AMABALA EKUYA KUNYULWA KUWO ASE VICTORIA EAST.

AMAGAMA AMAGOSA.

| AMABALA. | ABAMKELI MAGAMA. | I KAYA. |
|---|---|---|
| 1. Alice | H. P. Hutchins | Alice |
| 2. Etyume pezulu | H. Edkins | Gcato. |
| 3. Etyume ezantsi | C. Amos | Gulukuqawe. |
| 4. Egxwetera | J. E. Slater | Aberdeen. |
| 5. Ngqakayi | Geo. Slater | Post Victoria. |
| 6. Edongwe | W. Cockcroft | Kingston. |

Usuku lokupela ekwamkeleni amagama yi 15 ku December 1887.

JAMES F. BOYES.
Acting C. C.

## ISAZISO.

KUFUNEKA abakandi bentsimbi. Incibi yokukanda ibenye, ize kusebenza ngemini (journey-man). Abafuna ukufunda lomsebenzi (apprenticies) babe babini. Bonke abafuna lomsebenzi babalele ku—

Rev. CHAS. TABERER.
St. Mathews, Oct. 8th. 1887.

Elipepa lishicilelwa E-Lovedale Institution ekuqalekeni kwe nyanga.